



Silimela
2011

PULA IMVULA

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

FUNDA NGAPHAKATHI:

- 5 > Ukuvuna lbhali/irhasi phantsi koyilo lokunkcenkcesha lwaseTaung
- 6 > Imiceli-mingeni yemali kulawulo lweefama
- 9 > Abatyunjwa bethu baka-2011 boMlimi woNyaka osaPhuhlayo weziTyalo eziziiNkozo



Isicwangciso esingaphelanga sibhetele kunesingekhoyo

UKUZE ISHISHINI LIBE NEMPUMELELO, KUFUNEKA LILAWULWE KAKUHLE. **SIBALULEKILE** KAKHULU ISICWANGCISO ESILUNGILEYO KUBA SISISEKO APHO YONKE EMINYE IMISEBENZI YOLAWULO IMISELWA KHONA.

Ukulawula ngendlela elungileyo kuthetha ukuba imisebenzi emine yolawulo – ukwenza izicwangciso, ukwenza ulungiselelo, ukuphumeza nokuqwalasela mayenziwe kakuhle, umsebenzi ngamnye ufumane ingqalelo eyimfuneko ukuze ishishini ligcinwe lisebenza kakuhle kwixesha leminyaka ngenjongo yokumisela iinjongo, ezifana nokwenza inzuzo.

Ukwenza izicwangciso ngokuqinisekileyo makube ngowona msebenzi ubaluleke kakhulu womlimi njengoko kususisako apho yonke imisebenzi ya-

khe yokufama isekwa khona. Ukwenza izicwangciso kunokuchazwa njengokuqikelela imisebenzi yexesha elizayo eyimfuneko ekuzuzweni kweenjongo ezithile zeshishini nokubalula imisebenzi kuyilo oluthile (izicwangciso) lokuphumeza loo misebenzi.

Kaninzi kucingeleka ukuba umntu akanakwenza isicwangciso esisiso kwimeko yokufama ngenxa yokuba umsebenzi wokufama uphenjelelwa ziimeko ezingenakuqinisekiswa nomngcipheko, ofana neemeko zemozulu, izifo, inkxaso kunye nokungazinzi kwamaxabiso amagalelo naweemveliso. Imingcipheko elolo hlobo nezimo ngezimo iphathelele nemveliso kwezolimo kunjalo nje ayinakuphikiswa kwaye ingumceli-mngeni ngokuphathelele neizicwangciso kwishishini lokufama. Nangona kunjalo, isicwangciso esingaphelanga sibhetele kunesingekhoyo. Kucetyiswa ukwenza isicwangciso ngokomyinge wonyaka



6



6

3



UMama uJane uthi...

Hayi uyolo ebendinalo lokuba nenxaxheba kwiphaneli (isigqeba) ebivavanya ukhutshiswayo loMlimi woNyaka. Ngumsebenzi weminyaka emininzi ongene kwinkqubo yethu yophuhliso kwaye kube ngummangaliso ukubona abanye babalimi befikelela kumanqanaba obuchule. Uku-fikelela kwisigqibo malunga nabantu abathathu abagqwesileyo bekunzima kakhulu njengoko wonke umntu ebesebenze kakuhle kangako!

Nangona kungummangaliso kwaye kungumvuzo omhle ukubona inkqubela yabanye abalimi, kuyakhathaza ukufumanisa ukuba kukho abantu abangaqhubeli phambili. Lilishwa ukubona abantu abangazenzi kakuhle nezinto ezisisiseko sokulima – ukulungisa umhlaba, ukufaka isichumiso, ukukhetha imbewu echanekileyo nokutshabalalisa ukhula. Xa ungakwazi kwenza le misebenzi ekwisiseko sokulima akunakuze ube ngumlimi orhwebayo.

Kaninzi uva abantu bekuxelela ukuba abakwazi kulandela iindlela ezichanekileyo zokusebenza ngezizathu eziliqela – abanye bathi abanatrektara, abanye batyholi iindleko zembewu nez-esichumiso kanti abanye babeka ityala kurhulumente. Xa ufuna ukuba ngumlimi ophumelelayo kufuneka ube necebo olisebenzisayo. Zikhona izityalo ezingummangaliso omkhulu esizibone zityalwe ngesandla – intsimi encinci inokuvelisa isityalo esihle xa umhlaba uwulungise kakuhle, imbewu nesichumiso osisebenzisayo silungile kwaye nokhula ulutshabalalisa. Kubhetele kakhulu ukulima indawo encinci (uzilinganisele) wenze konke ngendlela elungileyo, kunokulima indawo enkulu kodwa kakubi nokuba kungesiphi isizathu. Wakuba sowukuchana ukulima indawo encinci kakuhle, unako ke ngoko ukwandisa indawo oyisebenzayo.

Masikhumbule ukuba le nkqubo yophuhliso yaseGrain SA ifumana inkxaso-mali kwii-trust zezityalo eziziinkozo (ngakumbi iMaize Trust) kwaye abo basinika inkxaso-mali bafuna ukubona inkqubela. Ukuba akukho nkqubela ebonakala emasimini, siya kunyanzeleka ukuyivala inkqubo kwezo ndawo zisilelayo. Kuya kuba yimini elusizi ukurhoxisa inkxaso enikwa abalimi – nangona kunjalo, oku kusezandleni zenu. Ukuba inkxaso noqeqesho esininika lona lunexabiso kuni, kuya kufuneka ukuba niphumeze iinguquko eziyimfuneko kwimisebenzi yenu yokulima. Kunzima ukuba ngumlimi onempumelelo, kodwa konke onke kuxhomekeke ezandleni zakho – okwethu kukuba sikunike lonke uqeqesho nenkxaso esokukunika lona, kodwa kufuneka uguqule iindlela zakho!

Ingxelo ebuyiswa ngabalimi bethu

Molweni maLungu eQela laseGrain SA loPhuhliso lwamaFama

Igama lam ngu John Billy Ngwenya. Ndivela kwiLali yaseGlenmore, kwingingqi yaseMlondozi kwiPhondo laseMpumalanga. Ndiqale ukuba ngumkhandi ngowe-1995 ngokufundiswa ngutata wam. Ndifunde uLuhlu lweziFundo zokuKhanda iNjini olwaluqhutywa nguMnu Israel Mokoto waseGrain SA ngoSeptemba 2008.

Ndafumana isatifikethi emva kokuphumelela kwezo zifundo. Ziliqela izakhono zobuchule endizifumene kwezo zifundo, yiyo loo nto namhla ndikhandela abanye abalimi iitrektara kwiilali ezikufuphi. Ndiyambulela uGrain SA. Ndikhuthaza bonke abanye abantu ukuba baye kwezi zifundo zoqeqesho ezibanjwa ngabakwaGrain SA.

Ngombuliso

Ngu John Billy Ngwenya



1 Isicwangciso esingaphelelanga sibhetele kunesingekhoyo

nokulungelelanisa izicwangciso xa kunokubakho iimeko ebezingacingelekanga phakathi enyakeni.

Xa kusenziwa isicwangciso kufuneka kuthathelwe ingqalelo koku-landelayo:

- Kufuneka kwenziwe ntoni?
- Kufuneka yenziwe phi?
- Kufuneka yenziwe nini?
- Makwenziwe kangakanani?
- Mayenziwe njani?

Ukwenza izicwangciso

Ukwenza izicwangciso kufuna ukuba izicwangciso zibalulwe ngokuzibhala kwaye kufuneka ukuqeqesheka. Umntu makazenze aphinde azenze zide zibe sisiqhelo. Ukwenza izicwangciso kusenokuba kwincwadi yeziganeko zemihla ngemihla, ebhodini yohlobo oluthile, ekhompyutheni okanye kwenye into. Ngokuya usenza izicwangciso ngale ndlela ziya ngokuba yinto ekhoyo nenako ukwenzeka kuba zisekwe kumava nakulwazi lwethuba elidlulileyo.

Ukwenza izicwangciso kukholisa ukusekwa nokwenziwa ngokwexesha lonyaka ngamnye. Okuza kwenziwa kunyaka ozayo efama. Nangona kunjalo kufuneka sibe khona isicwangciso sethuba elide esisekwe kokuza kuveliswa kwithuba lexesha elide.

Isicwangciso sethuba elide

Esi sisicwangciso esibanzi kakhulu esalatha okucwangciselweyo okuza kuveliswa efama kwithuba elide – ukufikelela kwiminyaka emihlanu okanye nangaphezulu. Umzekelo, ukwenza isicwangciso sokuvelisa iihektare ezingama-500 zezityalo zemali esesandleni ngonyaka ngamnye, ukuvelisa inyama esuka endle nokuvelisa iinkuku zenyama.

Ukwenza isicwangciso sonyaka ngamnye

Isicwangciso sonyaka ngamnye masibe namacandelo amabini obona buncinci adweliswe ngezantsi:

Isicwangciso jikelele

Ngokubanzi oku kufanele ukwalatha inyathelo jikelele elifanele ukugqitywa kunyaka ozayo elifana nokupeyinta isakhiwo esithile, ukufaka isibiyeli esitsha, ukulondoloza izibiyeli, ukuthenga elinye ikhuba, izifundo/iintsuku zamafama ekuza kuyiwa kuzo nezinye izinto.

Isicwangciso/Izicwangciso ngeemveliso

Okuza kuveliswa ncam ngonyaka uphelele, ingakanani, njani kwaye imveliso nganye iza kuthengiswa njani. Isicwangciso sonyaka ngamnye wama-2010/2011 masibandakanye imisebenzi elandelayo yemveliso, umzekelo:

- Ukulima iihektare ezingama-400 zombona otyheli ukwenzela imveliso yefama, intsalela iza kuthengiswa ngokobhambathiso kwindawo yokugcina isondlo.
- Ukulima iihektare ezili-100 zikajongilanga, emazithengiswe ngobhambathiso ngalunye.
- Ukuvelisa ama-200 eenkatyana zeenkomo zenyama ezineenyanga ezingama-20 ubudala endle neziza kuthengiswa kuBhaza-bhaza weVenkile iYYY.
- Ukuvelisa iinkuku zenyama ezingama-40 000 ngenyanga nganye eziza kuthengiswa eXXX Chicken Wholesalers.

Isicwangciso kufuneka sibandakanye imisebenzi ngokubanzi, umzekelo:

- Ukupeyinta indawo yokusebenzela nesitora seetrekta.
- Ukwakha idama kwikampu ye-9.
- Ukukhanda nokugcina zonke izibiyeli.

Isicwangciso senyanga nganye

Ukususela kwisicwangciso sonyaka – isicwangciso ngokubanzi ne-seemveliso – kunokuhlenganiselwa isicwangciso senyanga nganye. Umzekelo isicwangciso seNyanga sikaMeyi 2011 sinokuma ngolu hlobo:

Ngokubanzi – ukupeyinta indawo yokusebenzela nesitora seetrekta.


Isicwangciso seemveliso – malunga nombona kuhlolwa onke amasimi ukuze ngojongilanga kuvunwe iihektare ezili-100.

linkomo – zonke izilwanyana zinikwa isikhothwa sasebusika, onke amathole anikwa isondlo esinabayo, kulunyulwa amathole okuqala, kuqikelelwa ubunzima bawo kuze kuphawulwe onke amathole, amathole anikwa ithamo lechiza elinguzifo-zonke kwaye kufunyaniswa ubunzima bemizimba yazo zonke izilwanyana.

linkuku zenyama – kwenziwa yonke imisebenzi yemihla ngemihla, thengisa indlu yesibini uze ulungise indlu yesithathu ukwenzela isicuku esitsha zamantshontsho.

Isicwangciso seveki nganye

Ekuqaleni kwenyanga izicwangciso zeveki, ngeveki nganye yenyan-



Isicwangciso esingaphelelanga sibhetele kunesingekho

Ittheyibhile 1: Isicwangciso sosuku

	Umbona	Ujongilanga	Iinkomo	Iinkuku zenyama	Ngokubanzi
NgoMvulo 09	Ukuhlola intsimi yesihlanu.	Ukuvuna iihektare ezili-shumi zentsimi yesithathu.	• Ukuqwalasela iinkomo. • Ukuqwalasela isikhothwa sasebusika, isondlo esandayo. • Ukulumba, ukuphawula, ukunika ithamo, ukulinganisa ubunzima bamathole ali-100.	• Ukulungisa indlu yesithathu. • Imisebenzi yemihla ngemihla indlu yokuqala neyesibini.	Ukupeyinta indawo yokusebenzela.
NgoLwesibini 10	Ukuhlola intsimi yesithandathu.	Ukuvuna iihektare ezili-shumi zentsimi yesithathu.	• Ukuqwalasela iinkomo. • Ukuqwalasela isikhothwa sasebusika, isondlo esandayo. • Ukulumba, ukuphawula, ukunika ithamo, ukulinganisa ubunzima bamathole ali-100.	• Ukulungisa indlu yesithathu. • Imisebenzi yemihla ngemihla indlu yokuqala neyesibini.	Ukupeyinta indawo yokusebenzela.
NgoLwesithathu 11	Ukuhlola intsimi yesixhenxe.	Ukuvuna iihektare ezili-shumi zentsimi yesine.	• Ukuqwalasela iinkomo. • Ukuqwalasela isikhothwa sasebusika, isidlo esandayod. • Ukucoca iziphathi zamanzi ezilishumi.	• Ukulungisa indlu yesithathu. • Imisebenzi yemihla ngemihla indlu yokuqala neyesibini.	Ukupeyinta indawo yokusebenzela.
NgoLwesine 12	Ukuhlola intsimi yesibhozo.	Ukuvuna iihektare ezili-shumi zentsimi yesine.	• Ukuqwalasela iinkomo. • Ukuqwalasela isikhothwa sasebusika, ukuqwalasela isidlo esandayoreep feed. • Ukucoca zonke iziphathi zamanzi.	• Ukulungisa indlu yesithathu. • Imisebenzi yemihla ngemihla indlu yokuqala neyesibini.	Ukupeyinta indawo yokusebenzela.
NgoLwesihlanu 13	Ukuhlola intsimi yethoba.	Ukuvuna iihektare ezili-shumi zentsimi yesine.	• Ukuqwalasela iinkomo. • Ukuqwalasela isikhothwa sasebusika, isidlo esandayo. • Ukukhanda isango lesibaya.	• Ukulungisa indlu yesithathu. • Imisebenzi yemihla ngemihla indlu yokuqala neyesibini.	Ukupeyinta indawo yokusebenzela (ifanele ukugqitywa namhla).

ga ziyenziwa. Iziseko zezicwangciso zeveki nganye zizicwangciso zenyanga, ngokubanzi nangokuphathelele nemveliso.

Isicwangciso sosuku (isicwangciso samanyathelo okanye isicwangciso sokusebenza)

Isicwangciso sokugqibela masibe sisicwangciso sosuku ngalunye ekupheleni kweveki engaphambili nokwalatha ngeenkukacha ezithe chatha okuza kwenziwa ngosuku ngalunye kwiveki elandelayo. Umzekelo: Iveki 9 - 13 Meyi 2011. (Isicwangciso seveki nganye nosuku ngalunye sihlalnganiselwe **kwitheyibhile1**).

Xa lilifutshane ithuba lesicwangciso makufakwe iinkukacha ezithe chatha. Kwakhona khumbula ukuba izicwangciso azikwazi kungaguquki, ngakumbi kwishishini lokufama. Zininzi iziganeko ebezingabonakali ngaphambili, ezifana nemililo yasethafeni, ukwaphuka kwezinto, ukugula nezinye izinto.

Ukwenza izicwangciso njengomsebenzi wolawulo usisiseko sokwenza ulungiselelo nokuphumeza okuza kuxoxwa kwinqaku lexesha elizayo. Ngaphandle kokwenziwa kwezicwangciso kwakhona akusayi kubakho lawulo lufanelekileyo kuba ukwenza izicwangciso kulinyathelo lokuqala emsebenzini wolawulo ngokumisela imigangatho eyimfuneko yolawulo.

Ngethuba lokwenza izicwangciso nakwelokwenza ulungiselelo, uku-phumeza nokuqwalasela umphathi kufuneka azinikele kweminye imisebenzi yolawulo efana nobunkokeli, unxibelelwano, ukukhuthaza, ukwaba imisebenzi, ukuququzelela, ukwenza izigqibo nokugcina ingqeqesho. Umda wobandakanyo kule misebenzi uya kuqikelelwa ngobukhulu beshishini.

**ULWAZI LUHLANGANISELWE UKUSUKA KWINCWADI YOQEQESHO
EBHALWE NGUMARIUS GREYLING NGOLAWULO LWEEFAMA
UKWENZELA IINZUZO**



Isiriyeli zasebusika

Ukuvuna Ibhali/irhasi phantsi koyilo lokunkcenkcesha lwaseTaung

UNYAKA KA-2010 UBENZE YIMICELI-MINGENI MALUNGA NOKULINYWA KWE-**BHALI PHANTSI KOYILO** LONKCEKCESHO LWASE**TAUNG**. IBYIMICELI-MINGENI EYAHLUKA-HLUKENEYO, PHAKATHI KWAYO IKUKUBANDAKANYWA KOHLOBO **LWE-COCKTAIL**, IQABAKA NENGQELE EQHUBE KWADA KWABA NGU**SEPTEMBER**, IIMVULA EZINILEYO, IZICHOTHO NOKULIMA OKUKOKONA KUNCINCI.

Ukufakwa kwe-cocktail njengohlobo olutsha phantsi koYilo loNkcekcesho lwaseTaung bekungowona mceli-mngeni uxhalabisayo ekuqutyiselwe nawo. I-cocktail izibonakalise njengolona hlobo lunesakhono sokuvelisa imveliso yeetoni eziphezulu kakhulu. Ngokwembali yokulima ibhali eTaung, i-cocktail luhlobo lokuqala oluvelise iitoni eziveliswe kunyaka ophelileyo. Bekukho amasimi akwazileyo ukuvelisa iitoni eziyi 7,9 ngehektare nganye. Ukuba ibingekho imiceli-mngeni ekhankanyiweyo, i-cocktail ngeyilibonakalise ngakumbi ixabiso layo. Ingxaki ibe kukuhluzwa ne-nitrogen ebezingekho kwimigangatho ye-SABM. Oku kubonise

ukuphucuka kweetoni ezifumaneka kwibhali ukususela efakweni kwayo kuYilo loNkcekcesho lwaseTaung ngowe-1981.

Unyaka ka-2010 ibingunyaka obuxinwe yingqele/likhephu. Inggqele neqabaka ziqhube kwada kwaba ngo-Oktobha. Oku kuthetha ukuba iqabaka ichaphazele ibhali kumabanga ahluka-hlukileyo ukususela kwibanga lokuquva kwayo, ibanga lokudubula, ibanga lentlama ethambileyo naxa ibiseyivuthiwe. Oku kuyichaphazele kanobom ibhali. Iimeko zemozulu zibaluleke kakhulu ekulinyweni kwengqolowa. Bekukho iitoni ezili-1 129 nenayitrojini ebingaphantsi kwe-1,35, kodwa loo mgangatho ubuwamkelekile kwi-SABM kunyaka ophelileyo kwaza kwathengiswa iitoni ezingama-33 njengezihluzwa.

Imvula eninzi nayo ingawuchaphazela umgangatho webhali. Ixesha lokuvuna ngonyaka ka-2010 belisekuqaleni kweemvula zasehlotyeni. Ukuvuna ibhali bekuqale ngoNovemba ngomhla wesi-8 kwaza ngomhla we-12 kuNovemba zaqala ukuna iimvula zehlobo. Ngelo xesha ibisencinci kakhulu ibhali evuniweyo. Amasimi angakhange avunwe afunyenwe yim-



Ukuvuna Ibhali/irhasi phantsi koyilo lokunkcencsesha lwaseTaung

vula kwaba kungona afikelela kwibanga “eliphambi kokuntshula”. Nangona kunjalo, abakwaSABM bahambe baya kwenza uphando ngendlela bona nabalimi abanokuncedana ngayo nangendlela enoncedo abanokuyisebenzisa ngayo le bhali.

Izichotho ziyakwazi ukunciphisa imveliso nesivuno. Zimalunga ne-140 iihektare ezachatshazelwa sisichotho. Izichotho zafumaneka kumaxesha amathathu alandelelanayo. Ngokwamaqumrhu e-inshorensi umonakalo uphakathi kweepesenti ezihlanu nezingamashumi amane anesixhenxe. Oku kubonisa indlela nobungakanani esinciphe ngayo isivuno. Intsimi ekholisa ngokwaziwa ngokuvelisa phakathi kweetoni ezintandathu nezisixhenxe ngehektare nganye ikwazi ukuvelisa iitoni ezi 4,9 ngehektare nganye.

Kwakhona bekubalulekile ukufumanisa indlela yokunciphisa iindleko yezixhobo zokusebenza ngenxa yemeko emaxongo kwezoqoqosho. Ngoko ke bekubhetele ukusebenzisa ukulima okukokona kuncinci. Le ndlela inciphisa izixhobo ezisetyenziswayo – ukuze kwenziwe iqela lemisebenzi ngentshukumo enye. Ngale ndlela unako ukulima ngokukrazula, ukutyla nokufaka isichumiso ngexesha elinye. Ngokusebenzisa le ndlela kube yinto enokwenzeka ukuvelisa iitoni eziyi 6,8 ngehektare nganye kwiihektare ezilikhulu elinamashumi amabini.

Kulo nyaka abalimi bajongene nemiceli-mingeni emininzi abafunde lukhulu kuyo. Kwisivuno esifunyenweyo, iitoni ezingama-3 688 sisetyenziswe njengefula.

NGUJOHANNES KOKOME, UMPHATHI WEMVELISO YEBHALI/YERHASI
KWISOUTH AFRICAN BREWERIES ETAUNG



Imiceli-mingeni yemali kulawulo lweefama

UKUZE KUBEKHO INZUZO ISHISHINI LOKUFAMA MALIQALE LINIKE IIMVELISO EZIFUNWA NGABAXUMI. EMVA KOKO, UKUZE ULAWULO LWESHISHINI LOKUFAMA LIFUMANE INZUZO KUFUNEKA LISOLOKO LIZIPHUCULA NGOKUHAMBA KWEXESHA.

Iimfuno zabantu

Ukusuka ekudalweni komntu, umntu waba soloko enezinto azifunayo ukuze aphile. Ukutya soloko kususidingo esisiseko, kunye nempahla yokunxiba nekhushi ngokunjalo. Ekuqaleni umntu bekufuneka ehlangabezane neemfuno zakho ngokuzingela, ngokuvuna izityalo kuhlaza oluzikhulela endle, azenzele impahla yokunxiba yakhe aze ahlale emiqolombeni.

Uthe xa umntu eqhubela phambili neemfuno zakhe nazo zaqhubela phambili zaza zafikelela kwinqanaba eliphezulu leemfuno zanamhla. Kwakhona umntu uqhubele phambili ukusuka ekuziphiliseni ukuya ekuthengiseni izinto ezininzi ezidingwayo. Xa sithetha ngokubanzi kakhulu amashishini ehlabathi exesha lanamhla anikela ngazo zonke izidingo zomntu ukuze afumane imali.

Ngoko ke, namhla sifuna imali ukuze sitshintshiselane ngayo ukufumana zonke izinto esizidingayo. Njengabantu imali sinokuyifumana ngokuyisebenzela ukuze sifumane inzuzo. Kuphakathi kokuba uzisebenzele okanye kubekho umntu okusebenzelayo. Ukuba ukhethe indlela yokuzisebenzela ngokwakho, njengokuqhuba ishishini lokufama, ishishini

elo kufuneka libe nempumelelo ngokwasemalini. Ngokwesiseko sezolimo impumelelo isekubeni ishishini linikele ngemveliso/ngeemveliso ezifunwa ngabantu ukuze umnini-shishini afumane ingeniso.

Kuxa ishishini lifumana inzuzo kuphela apho umnini-shishini efumana khona ingeniso (umvuzo). Ukuba kukho ilahleko, umnini-shishini akafumani ngeniso.



Ingeniso nenkcitho

“Iimfuno” ezinikwa ngamashishini “zithengiselwa” abathengi. Imali efunyenwe ngokuthengisa iimfuno yingeniso yeshishini.

Ngethuba lokwenza imveliso nelokunikela ngeemfuno ishishini lifumana iindleko okanye iinkcitho ezithile. Ezi nkcitho zingahlulwa ngokwamaqela ahluka-hlukileyo:

- **Iindleko zokukhupha imveliso** – imbewu, isichumiso, izitshabalalisi zezinambuzane, amachiza, iindleko zokuvuna nokuthengisa.
- **Iindleko zokusebenza** – iindleko zokubhanka, iindleko zeofisi, ezezbalo – neendleko zothutho.
- **Iindleko ezisisigxina** – zezithuthi, imivuzo yabasebenzi abasisigxina, iindleko zokuthotywa kwamaxabiso neze-inshorensi.
- **Iindleko zemibandela yangaphandle** – inzala ekwiimali-mboleko, imivuzo yomphathi nerenti yokuqesha umhlaba.

Iindleko ezipheleleyo ziyingqokelela yazo zonke ezi ndleko.

Inzuzo/ilahleko

Inzuzo iyingeniso engaphezu kweenkcitho ezisisixa esipheleleyo.

INGENISO - IINKCITHO = INZUZO/ILAHLEKO

Okanye ngokwemigqaliselo yezolimo:

**INGENISO (IXABISO LEMVELISO ELIPHELELEYO) -
IINKCITHO ZEMVELISO = UMAHLUKO KWISIXA
ESIPHELELEYO - IINDLEKO ZOKUQHUBA ISHISHINI
& EZISISIGXINA = INGENISO YEFAMA ENGASAPHE-
LELANGA - IINDLEKO ZEMIBANDELA YANGA-
PHANDLE = INZUZO YEFAMA**

Abamkeli bamaxabiso nomceli-mngeni

Kwinkqubo esisiseko yokukhupha imveliso abalimi bangabamkeli bamaxabiso malunga nengeniso (ixabiso) nangokwenkcitho. Zombini, ingeniso neenkcitho ziyanda ngokuhamba kwexesha, kodwa ngokwamanqanaba ahluka-hlukileyo. Enyanisweni uJ. Willemse unike ingxelo kwi-Landbou-weekblad yowama-26 Matshi 2010 ukuba kowama-2009, xa kuqwalaselwa ishishini lezolimo (lokufama) ngokuphelela kwalo, ingeniso inyuke nge2,6% kuphela ngonyaka lo gama iinkcitho zinyuke nge8%. Ezi pesenti zahluka ngokonyaka kodwa zidale okubizwa ngokuthi lucidiso lweendleko-maxabiso. Xa kuqwalaselwa ucudiso lweendleko-maxabiso kwiminyaka eliqela lunokwalathwa **ngokweSazobe 1**. (Imithombo yolwazi: Willemse, J. 2010, *Resessie sweepsdag knyp Landbou, Landbouweekblad: 26 Maart 2010*). Xa indlela ezenziwa ngayo izinto efama zihlala zinjalo ngonyaka emva komnye, isithuba esiphakathi kwengeniso nenkcitho siya kuvaleka ukuze kuye ngokuba nzima kangako ukwenza inzuzo. Ngokuphathelele nengcinga ngemali kufuneka ukuba ulawulo lweshishini lokufama lisoloko liphucuka ukuze kufumaneke impumelelo kwezemali.

Oku kunokwenziwa ngokunika ingqalelo enzulu nenganyanyiswayo ukuze kuphuculwe ulawulo lwemimandla eyahluka-hlukeneyo yolawulo lweshishini lokufama. Injongo mayibe kukugcina ingeniso ingaphezulu kwiinkcitho ithuba elide, njengoko kwalathiwe **kwisazobe 2**.


Asingomsebenzi olula kumphathi wefama xa kuthathelwa ingqalelo

yonke imibandela ephembelela ishishini lakhe engaphaya kwamandla akhe. Lo ngowona mceli-mngeni kwishishini lokufama. Enyanisweni umntu makasoloko eqwalasela iimpembelelo zemali ngokwemigqaliselo yengeniso neenkcitho zayo yonke into eyenziwayo okanye engenziwayo ngokwemigqaliselo yeshishini lethu.




Imiceli-mingeni yemali kulawulo lweefama

Isazobe 1: Inzuzo, ilahleko neqondo lolungelelwaniso



Isazobe 2: Umceli-mngeni



Isiphetho

Elokuphetha, ukuze ishishini lokufama libe nenzuzo kufuneka linikele ngazo zonke iimveliso ezifunwa ngabaxumi. Emva koko, maligcine iinzuzo ezilon-dolozekayongokuthi ulawulo lweshishini lokufama lisoloko liziphucula ngalo lonke ixesha.

ULWAZI LUHLANGANISELWE UKUSUKA KWINCWADI YOQEQESHO YOLAWULO LWEEFAMA UKWENZELA IINZUZO NGUMARIUS GREYLING

Olu phawu olulodwa lwenzeke ngenxa yagalelo lakwaWinter Cereals Trust.

Abatyunjwa bethu baka-2011 boMlimi woNyaka **osaPhuhlayo** **weziTyalo eziziiNkozo**

AKUKHOLELEKI UKUBA SESIFIKE KWELO XESHA LONYA KWAKHONA. SENZE ISIGQIBO SOKUTYELELA ABALIMI USAQALA LO NYAKA UKUZE SIZIBONE ZISELUHLAZA IZITYALO.

Senze ukhenketho ukusuka ngomhla we-11 ukuya kowe-14 kuEpreli kanti amalungu ephaneli (abagwebi) ibinguKarabo Peele (waseMaize Trust), uGerhard Mamabolo (waseAgriSETA), uJenny Mathews (weqela lomsebenzi), uDirk van Rensburg (weqela lomsebenzi), uWillie Kotzé noJane McPherson (umphathi kwinkqubo).

Sichulumance kakhulu kukunikwa inkxaso yesithuthi ngabakwa-Volkswagen eKlerksdorp ukuba siyisebenzie kukhenketho lwethu ngoko ke siye sakwazi ukuhamba kunye. Abatyunjwa baka-2011 boMlimi osaPhuhlayo weziTyalo eziziiNkozo ngaba balandelayo:

UKoos Mthimkhulu

UKoos wazalelwa ePaul Roux, kwifama kaJulius Bobbert. Ufunde kwisiko-

lo seFama yalapho wada wafikelela kwiBanga loku-1 (Grade 3). Ukususelela kwelo xesha lobuncinci bakhe, wayedlala noonyana bomfama wada waqalisa ukwenza imisebenzi eyahluka-hlukeneyo efama. Uqale kwicandelo leemveliso zobisi esenga iinkomo, esebenza ngeenkomo zenyama nangenye imfuyo, emva koko udlulele ekuqhubeni iitrektara nokusebenzisa izixhobo ngezixhobo zokusebenza, misebenzi leyo ayenze iminyaka emihlanu. UKoos uye wangumqhubi wooganda-ganda basefama waza waqalisa ukutywina (ukuwelda) kwindawo yokukhanda yasefama ekhanda kananjalo esenza izixhobo zokusebenza. Uthe xa eneminyaka engama-26 ubudala waya kwiMielibult yefama kaFrikkie du Preez apho afunde khona ngezixhobo ezininzi zokusebenza, ngokuwelda nangokulima izityalo.

UFrikkie udlale indima enkulu ekuphuhleni kukaKoos ukususela ekubeni ngumsebenzi wasefama wada waba ngumlimi orhwebayo yena ngokwakhe. Ufumene amava abanzi ngexesha lokusebenza kwakhe no-Frikkie. Kwakhona uFrikkie umthengisele izixhobo zokusebenza ezininzi athe uKoos wamana ukuzihlawulela xa efumana imali. Ngokusebenzisa izixhobo uKoos azithenge kuFrikkie, wakwazi ukusebenza njengombambathiswa esenzela abanye abalimi abasaphuhlayo umsebenzi kwingingqi yaseSenekal. Umsebenzi wobubhambathiswa wamngenisela imali yokuhlawula izixhobo ngokupheleleyo.

UKoos waba neetrektara ze-John Deere 3140 ne-Massey Ferguson



Amalungu ephaneli (abagwebi) ibinguKarabo Peele, uJane McPherson, uGerhard Mamabolo, uJenny Mathews, uDirk van Rensburg noWillie Kotzé.

Abatyunjwa bethu baka-2011 boMlimi woNyaka osaPhuhlayo weziTyalo eziziiNkozo



UKoos noLydia Mthimkhulu ekhithshini labo.



UThando Lolwane uzilungiselela ukuba asebenze entsimini yakhe.



UMalefane Makubo uchaza uthando lwakhe lomsebenzi wokufama.

265 kunye nezinye izixhobo zokwenza umsebenzi wobhambathiso. Wenza utyalo-mali ngeenkomo ngenye yengeniso yakhe ayifumene kubhambathiso. Emva kwexesha uqeshe iihektare ezingama-55 zomhlaba olimekayo apho alime kona umbona waza wavuna umyinge weetoni ezintathu ngehektare nganye kunyaka wokuqala. Ngowama-2007 wanikwa ifama iAstoria liSebe lemiBandela yemiHlaba apho angumlimi ongumlimi khona kwixesha langoku. UKoos ungumlimi onesakhono kakhulu kwaye uthi uyincoma kakhulu inkxaso ayifumana eGrain SA nakwiSebe lemiBandela yemiHlaba nako konke abamenzele yona kodwa uphawula athi ukulima izityalo ngemali esesandleni emhlabeni oqeshiweyo kusenokungabi nalulondolozo emva kwexesha. Ubhambathiso lufumaneka kunyaka ngamnye kwaye ubhambathiso alusayine neSebe lemiBandela yemiHlaba luqale ngomhla we-10 Novemba 2008 ukuya ngoNovemba 2009 apho iSebe lemiBandela yemiHlaba linako ukukhetha ukuhlaziya ubhambathiso lonyaka xa ifama igcinwe kakuhle kwaye ilinywa. Kwithuba elidlulileyo, abalimi bebewazi ukufumana ithayitile ngentsimi, kodwa umgaqo-nkqubo waguqulwa kwaye akucaci ukuba uKoos uya kuze ayifumane ithayitile yalo mhlaba. ISebe lemiBandela yemiHlaba laneliseke kakhulu ngumgangatho womsebenzi obonakalisiweyo ukuza kuthi ga ngoku kwaye selitshilo ukuba imvumelwano yomgcinu/umlindi iza kuhlaziywa.

Njengoko uKoos exhalatysiswa bubukho benzuzo malunga nemveliso yezityalo eziziinkozo kwimihlaba enesakhono esiphantsi kwingingqi yaseSenekal, ufuna ukwandisa ishishini lakhe lobhambathiso. Kwakhona, ukhangela imihlaba enesakhono esiphucukileyo anokuyiqesha ukuze alime umbona nojongilanga. Ukwafuna nokwandisa inani leenkomo ze-nyama efama. Ezinye zeenkxalabo ezinkulu zibandakanya ukungasebenzi kakuhle kweSebe lezoLimo ngokunxulumene nokunikwa kwabalimi izixhobo zokusebenza. UKoos ebenqwenela ukunyusa umgangatho wenkxaso yamanzi kuzo zonke iikampi ezikwifama yakhe, athenge ezinye iinkomo aze aseke amadlelo asisigxina kwimihlaba engekho nzulu kakhulu.

UKoos ungumzekelo omhle kakhulu womntu oqale engenanto waza wavula indlela yakhe efikelele kule ndawo akuyo namhla. Kulibhongo ukumtyelela kwifama yakhe kuba yonke into igcinwe kakuhle kwaye ibekwe ngocwangco eyadini. Zonke izixhobo zakhe zokusebenza zikhathalelwe kwaye zigcinwe eshedini. Utshate noLydia kwaye banabantwana abathathu, Omabini amantombazana atshatile kuze kubekho unyana on-

guClifford. UPetunia, omnye weentombi zakhe unemfundo enomsila kwezolimo kwaye usebenza njengegosa lesolula kwingingqi yaseFicksburg. UClifford wenze izifundo zeminyaka emibini zokulawula intengiso nezolimo, usebenze ebupolisini iminyaka emibini ngoku usefama isigxina, wenza umsebenzi wokufama noTata wakhe. Unobuchule obubanzi kakhulu bokusebenza ngoomatshini, buchule obo obubonakala kwimeko ebalasele kakhulu yezixhobo zakhe. UKoos nosapho lwakhe bahlala efama kwaye bangumzekelo omhle kakhulu wohlobo lwenguquko efuneka kweli candelo.

UThando Love Lolwane

UThandowazalwangowe-1957 eGelukspan (Bapong). Ungunyanawethoba kaStention noFrancinah Lowane kubantwana babo abali-12. Uqale ukufunda kwisiKolo samaBanga aPhantsi saseMotswenyane ukususela ngowe-1966 waza waphuma ngowe-1971 emva kokuphumelela iBanga lesi-5 (Grade 7).

Ngowe-1997 uqalise ukusebenza eStilfontein Panelbeaters njengomsebenzi jikelele waza washiya apho wangena eMarico Foodstar ngenombhexeshi kamatshini iinyanga ezimbalwa. Emva koko usebenze eMgodini weGolise waseStilfontein njengomqhubi wetreyini ehamba ngaphantsi komhlaba.

Utshate noAtholia Lolwane kwaye basikelelwe ngabantwana abahlanu, iintombi ezi-2 noonyana abathathu. Unyana wakhe wokuqala uJacob (32) ngoku usebenza kwiSebe lezeMpilo eSchweizer-Reineke. UProgress (30) yena usebenzela uPhuhliso lwezeNtlalo. UGladwin (28) usebenze kwezokhuselo kanti uphinda asebenze noyise efama. UPrimrose (24) wenza izifundo zeZolimo eTaletso FET kanti uNomvuyo (16) ufunda kuGrade 10 kwisiKolo samaBanga aPhezulu saseBethel. UGladwin unomdla kakhulu emsebenzini wokufama kwaye uncedisa utata wakhe efama.

UThando waqalisa ngomsebenzi wokufama ngowe-1982 ngokuncedisisa utata wakhe. Ngowe-1983 wakwazi ukufumana imali-mboleko eAgribank (eBophuthatswana) waza waqalisa ngokufama emhlabeni weehektare



UJohn Dipane entsimini yakhe.



UBoy Mokoena ubonisa isityalo sakhe sikajongilanga kwiphaneli (kubagwebi).



UDavid Motswene entsimini yakhe.

ezingama-75 ngetrektara enye. Ngowe-1989 wathenga enye itrektara ye-6010 Ford-6010. Wathenga ifama yeehektare ezingama-400 eKlippan, waqesha enye ifama yama-249 eLareystyd waphinda waqesha imihlaba edityanelweyo eGelukspan. Ngowama-2008, uThando waye nguMlimi Wonyaka weToyota New Harvest. NgokukaThando ezolimo bubomi!

UMalefane Makubo

UMalefane wazalelwa ePetrus Steyn ngowama-25 Septemba 1949. Ukhulele kwifama kaMnu C.A. Claasen kwingingqi yasePetrus Steyn. Uphume esikolweni emva kokuphumelela iBanga lesi-4 kwisiKolo samabanga aPhantsi saseDanielsrus kufuphi nePetrus Steyn. UMalefane wayeyithanda ifama waza waqalisa ukusebenza efama kubudala be-12. Waqeshwa njengomsebenzi wexesha elipheleleyo efama eneminyaka eli-15 ubudala. UMalefane uthi ngoko wayefumana umvuzo wama-50c ngenyanga waza waqala ukufumana umvuzo ophelileyo (R2 ngenyanga) akuba selekwazi ukuthwala ingxowa yombona yama-200 lb entloko!

UMalefane wahamba efama waya kusebenzela i-VKB – uthi wawumhle umvuzo wakhe kwaza oko kwenza ukuba abe nako ukutshata inkosikazi yakhe (wawuyi-R10 ngenyanga). Emva kweminyaka eliqela, wacelwa ngumlimi orhwebayo ukuba abuyele efama. Uthi babehlala kakuhle kwaye befumana nebhonasi emva kwesivuno seengxowa zombona ezingama-20 – yayintle loo mali.

UMalefane wayenqwenela ukusebenza ezixekweni kwiziza ekwakhiwa kuzo waza waya kuhlala eQwaQwa ukuze “incwadi yepasi yakhe” imvumele ukuba akwazi ukuyishiya loo ndawo. Ngowe-1990 uMalefane wathatha isigqibo sokushiya izixeko wagoduka waya eQwaQwa apho wayeza kuthenga khona ifama. Uqale waqeshiselwa ifama owayeyihlawulela irente (R3 500 qho kwinyanga ezintandathu), kodwa ugqibele ngokukwazi ukuthenga ifama ngokusebenzisa imali-mboleko yaseLandBank aseleyihlawule ngokupheleleyo ngoku. Uthenge ifama yeehektare ezingama-560 apho ama-200 eehek-

tare abe ngumhlaba olimekayo khona.

UMalefane uthi ukwenze umthetho-siseko wakhe ukuhlawula amatyala akhe nanini xa efumana ingeniso evela kwifama yakhe – izidingo zakhe ziza mva emva kokuhlawula ityala. Uwahlawule onke amatyala akhe kanti ngoku ulima ingqolowa, umbona, iimboty zesoza, iimboty ezomileyo, iinkomo zenyama kanti unalo necandelo elincinci leemveliso zobisi. UMalefane unethemba ngekamva kwaye uyawuthanda umsebenzi wasefama.

UJohn Dipali

UJohn wazalelwa kwifama iVaalbank kwingingqi yaseSenekal. Wahamba isikolo seVaalbank sasefama wada waphumelela u-grade 6. Emva kokuba sefama iminyaka emine ungene kwiSebe lezeeNdlela ngowe-1970 waba ngumqhubi kaganda-ganda. Uchithe iminyaka engama-23 eqhuba ooganda-ganda beSebe lezeeNdlela nakweleMisebenzi kaWonke-wonke. UJohn utshate noJeanette (obengutitshala kwisikolo samabanga aphantsi saseSenekal iminyaka engama-30) kanti abantwana babo sebetshatile.

UJohn nabahlobo abane bathenga ifama eRooikoppies kodwa bayithengisela uMnu Mohapi ngowama-2005. Emva koko uJohn uthenge ifama iConcordia ngokuncedwa yiMibandela yezeMihlaba ngowama-2005. Ebesenayo ithayitile yefama. Wanelisekile ngoncedo alufumeneyo kude kube ngoku kwiSebe lezoLimo, kweleMibandela yezeMihlaba nakwiGrain SA. Ungumlimi othanda ukwenza izinto ngendlela ayiqhelileyo. Ifama yakhe izihektare ezingama-277 aphinde kwakhona aqeshe ihektare ezili-114 zomhlaba olimekayo.

Eminye yemiceli-mingeni emenza axhalabe ziindleko eziphezulu zamagalelo kunye namaxabiso aphantsi ezityalo eziziinkozo. Imisebenzi yakhe yokufama isemgangathweni kwaye nezixhobo zakhe zokusebenza efama zifanelekile. Njengoko uJohn engasengomfana, wenza izicwangciso namalungiselelo alungileyo ukuze umsebenzi wenziwe ngexesha elifanelekileyo.

PULA IMVULA

**Olu papasho lwenziwe lwabakho
ngabakwa Maize Trust.**

GRAIN SA

PO Box 88, Bothaville, 9660
► (056) 515-2145 ◀
www.grainsa.co.za

UMPHATHI WENKQUBO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ◀

INGCALI: UQEQESHO NOPHUHLISO

Willie Kotzé
► 082 535 5250 ◀

INGCALI: FIELD SERVICES

Danie van den Berg
► 071 675 5497 ◀

USASAZO: PULA-IMVULA

Debbie Boshoff
► (056) 515-0947 ◀

ABAQUQUZELELI BAMAPHONDO

Daan Bosman

Mpumalanga (Bronkhorstspuit)
► 082 579 1124 ◀

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀

Tonie Loots

North West (Zeerust)
► 083 702 1265 ◀

Jerry Mthomboti

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀

Lawrence Luthango

Eastern Cape (Mthatha)
► 083 389 7308 ◀

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal and Mpumalanga
► 082 354 5749 ◀

Ian Househam

Eastern Cape (Kokstad)
► 078 791 1004 ◀

UMPAPASHI

Infoworks

► (018) 468-2716 ◀
www.infoworks.biz



I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho,
iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

**Injongo yethu kukuvelisa olona papasho
lubalaseleyo xa lunokubakho. Nawaphi ama-
nqaku aphawulwayo ngesiqulatho somhleli
okanye ngedlela yokubhalwa kwaso ngoko
ke, mawabhekiswe kuJane McPherson.**

Abatyunjwa bethu baka-2011 boMlimi woNyaka osaPhuhlayo weziTyalo eziziiNkoko

UBoy Mokoena

UBoy wazalelwa eMiddelburg ngowe-1948 efama apho babeqeshwe khona. Utshatile unabantwana abane. Zange waya esikolweni kwaye njengenkwenkwe eselula waba nothando lwezolimo kakhulu esalusa. Ngezo ntsuku kwakunganyanzelekanga ukuya esikolweni ngoko ke kuye kwaphuhla uthando lwendalo.

Uqale ukusebenza kwiifama zabalimi abarhwebayo waza waziphucula ukusuka ekubeni ngumsebenzi kuphela ukuya kumqhubi wetrektara waza wagqibela ngokuba yinduna. Njengomntu obengumalusi kuqala ukwanothando olunzulu lokufuya iinkomo. Ngoku kwifama yakhe uneenkomo ezingamakhulu amabini zokurhweba.

Phantse kwiminyaka elishumi elinesihlanu uBoy ebeneenkomo zenyama zokurhweba ezimalunga namakhulu asibhozo kanti uza kwenza enye yeempazamo zokuthengisa iinkomo kuba efuna ukuthenga izixhobo zokulima izityalo zokuxelenga umhlaba. UBoy ebenesizikithi ajikeleza kuso esimalunga nehektare ezingama-40 efama yakhe esakhiwa kwiminyaka emihlanu eyadlulayo. Ngelishwa, kwabiwa iikheyibhile kwisizikithi ajikeleza kuso nesikhululo sokumpompa zabiwa.

Naxa engafundanga yena, uBoy akababekanga phantsi abantwana bakhe ngokungabaniki imfundo. Bobathathu abantwana bakhe bashiya amaphandle baya edolophini kwaye baqhuba kakuhle apho. Intombi yakhe imncedisa ngolawulo lweshishini nangeminye imibandela yemali yasefama.

Ngelishwa uBoy akanathemba kwaphela ngexesha elizayo lonyaka. Kuya kuba sisiphelo esibi kakhulu ukulahlekelwa ngumlimi obalasele njengaye okwaziyo ukuzenzela yonke imisebenzi.

UDavid Motsweni

UDavid wazalelwa eMiddleburg ngowe-1949 kwifama yePatatfontein. Wayekholisa ukuncedisa utata wakhe notatomkhulu wakhe efama waza ngenxa yoko waba nothando lomsebenzi wokufama eselula. Babewenza umsebenzi wasefama ngokusebenzisa indlela yakudala eyayibizwa ngokuba yi-“derde deel” apho babelima intsimi ngokusebenzisa iinkabi kwaye bezenzela ngokwabo amagalelo entsimi ukuze kuthi xa kufike ixesha lokuvuna bafumane inxalenye enye yezityalo kwezintathu.

UDavid uzinceda ngokwakhe ngenkxaso-mali kuba enamanye amashishini awenzayo afana nelokwandisa imihlambi yeehagu iNaga eliphuhle kakhulu nelingumsebenzi wasefama ogcinwe kakuhle. Ukholelwa ekugcineni icandelo ngalinye lomsebenzi wokufama liqhuba ngokwalo ukuze xa lingamsebenzeli alivale. Uthenga imbewu yakhe eMonsanto kwaye akasebenzi mbewu ye-GM (en-emfuza eguqu-guqulweyo). Imichiza ithengwa eQuemico kanti isichumiso sona sifumaneka eSasol Nitro. Wanelisekile ngabaxumi bakhe bamagalelo kuba abanyamalali emva kokusiwa kwee-odolo.

UDavid akafunanga kuphawula ngendima edlalwa nguRhulumente kwezoLimo nasekuphuhlisweni kwabalimi. Ukholelwa ekubeni impumelelo yakhe isezandleni zakhe nakwinkxaso-mali yakhe kanti elinye icala lempumelelo yakhe kukuba akakholelwa ekuthatheni iindlela ezinqumlayo – inye indlela ekhoyo yile elungileyo.

Isoyikiso esikhulu esimothusayo sesentlekele yendalo esifana nembalela, isichotho okanye nawuphi omnye ubhubhane. Esinye isoyikiso kukungabikho kozinzo kummandla wentengiso apho iindleko zamagalelo zingahambelaniyo khona neembuyekazo nokungabikho kolawulo phezu kwamaxabiso ngenxa yemveliso eninzi kakhulu.

UDavid unqwenela ukwandisa nokulima ihektare ezithe chatha kwaye unaso isakhono soomatshini sokukwenza oko. Ukuxhathisa kwiminyaka ezayo kuya kuxhomekeka ekuhlalutyeni ummandla wentengiso ngokuchanekileyo nokulima izityalo ezichanekileyo ngokwezidingo zoqoqosho olufunekayo ukuze kufumaneka ukuphila.

Olu khutshiswano lusemgangathweni phezulu lonke, kodwa sinovuyo ukubhengeza ukuba abantu abagqwesileyo abathathu nguThando Lolwane, Malefane Makubo noKoo Mthimkhulu. Sibanqwenelela yonke impumelelo.

NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA YENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA